



# ISIFO SOPHUNZO

## Imibuzo Eqhelekileyo (FAQs)

### 1. Yintoni isifo sophunzo?

Isifo sophunzo sisifo esinganyangekiyo nesifumaneka ezi nkomeni nesibangelwa yintsholongwane ekuthiwa yi “Brucella abortus”. Sise kwaziwa njengokuphuncuka kwesisu okwasulelayo kuba sisoloko sikhokelela kuphunzo nokufa kwetakana kwa lisekwi thokazi elifakele ukuzala. Sise nokubangela ukuphelelwa yinzala nokungafaki kwimihlambi yeenkomo kwakunye nokuncipha kumlinganiselo wemveliso yobisi. Noko kunjalo, ezinye zeenkomo ezosulelekileyo zikhangeleka ziphilile yaye zisempilweni ngeli cesha zisakwaziyo ukusasaza esi sifo.

### 2. Yeyiphi imfuyo echatshazelwa kukuphunza?

Ikakhulu, isifo sokuphunza sosulela impahla kwezi zinge ngeenkomo, inyathi yamanzi, inyathi yase Afrika kunye ne nyathi yaphesheya, kodwa ziyakwazi nokosulela enye imfuyo kuquka nabantu. Zikhona nezinye iintlobo ezi kukuphunza okosulela enye imfuyo, umz, intsholongwane ebangela ukuphunza ezibhokhweni nokuphunza ezi njeni.

### 3. Zosuleleka njani iinkom sisifo sophunzo?

Xa inkomo eyosulelekileyo iphunza inkonyane, kuphuma isiza-mva esine ntsholongwane eyi “Brucella” nethi ingcolise indalo esingqongileyo. Ezinye iinkomo zingosuleleka ngokuthi sihlalane nale ncindi yesiza-mva nangokutya ingca esele inokungcola kwale ntsholongwane. Amankonyane athi azalwe ziimazi esele zosulelekile, nayo ayosuleleka.

### 4. Ingaba ukuphunza kubachaphazela njani abantu?

Abantu bangosuleleka sesi sifo sokuphunza ngokuthi bachukumise nayiphi na incindi ephuma enkomeni esele yosulelekile, mhlawumbi xa kuxhelwa okanye xa incediswa ukuzala nangokusela ubisi olungaphekwanga ngelokubulawa iintsholongwane kwinkomo esele yosulelekile. Ebantwini, esi sifo singabangela umkhuhlane onganyangekiyo, iimpawu ze fiva, iintlungu kumalungu ase mzimbeni kunye nokunqaba kwembewu yenzala kumadoda nakumakhosikazi. Abantu base nokunyangwa ngokuhlangukiswa kwamayeza okulwa iintsholongwane, kodwa ukuba isifo esi asikhange sixilonge ze sifunyanwe kwa kuse lithuba, sisekokuba singaphinde sinyangeke yaye ze neempawu zihlale unaphakade.

### 5. Silawulwa njani esi sifo sokuphunza ezinkomeni?

Kufuneka isifo sokuphunza sixelwe koo gqirha bemfuyo abasemagunyeni, nje ngesifo esilawulekayo. Xa imfuyo ekumhlambi wakho ifumaniseke inesi sifo sokuphunza, woonke loo mhlambi uthathwa njengo wosulelekileyo, nanjeng ngokuba imfuyo eyosulelekileyo ithatha ixesha elide phambi kokuba kubonakale ukosileleka kwayo. Kunzima ukusitshayela esi sifo sokuphunza emhlambini wakho yaye kudla ngokuthatha iminyaka eliqela. Akukho lunyango lukhoyo lokunceda imfuyo echaphazelekileyo ngaphandle kokuba ixhelwe.



## 6. Ndingayikhusela njani imfuyo yam kwisifo sophunzo?

Ngokomthetho, kunyanzelekile ukuba onke amathokazi aphakathi kwee nyanga ezi 4-8 agonyelwe isifo sophunzo, ngesitofu sokugonya nesisemthethweni, kwezi zilandelayo: (S19 evela kwi OBP okanye RB51 evela kwi MSD). Kusafuneka kugonywe onke amathokazi asele ekhulile kunye nee nkomo ngesitofu esiya RB51 emva kwee nyanga ezisi 8 ezelwe. Akufuneki iinkunzi zigonywe.

Sngathinteleka esi sifo sophunzo ekubeni singangeni kuwo umhlambi ngokuthi kusetyenziswe eyona mithetho ekuyikhuseleni kwindawo eziphila kuyo. Kufuneka impahla entsha ithengwe iphuma kumhlambi ongasulelekanga sesi sifo sophunzo kumnyaka ophelileyo yaye kubekho nesiqinisekiso sokuba zigonyiwe xa ingama thokazi.

## 7. Ndikwazi njani ukuba ukutya kwemfuyo yam kukhuselekile?

Kukhuselekile ukuba ungayitya inyama yempahla exhelwe kwizilarha ezivumelekileyo ukuba zingaxhela ngokusemthethweni. Ubisi oluphekwe ukuba kubulawe iintsholongwane likhuselekile ukuba ungalusebenzisa, nanje ngokuba ukuphekwa kobisi kuyibulala iintsholongwane eyi “Brucella”. Kusenokungakhuseleki ukuba ungayitya inyama exhelwe kwizilarha esingavumelekanga ukuba singaxhela ngokusemthethweni yaye kufuneka iphekwe ivuthwe de ivuthisiswe ukuze kunciphe umngcipheko. Ubisi olungeka pheka kufuneka luphekwe phambi kokuba lungaselwa.

### CONTACTS:

| ISIKHUNDLA                                     | IINOMBOLO ZOMNKEBA            | E-MAIL                                    | IDILESI                                                                         |
|------------------------------------------------|-------------------------------|-------------------------------------------|---------------------------------------------------------------------------------|
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: George        | 044-803-3771/0                | SVGeorge@westerncape.gov.za               | 4 Varing Avenue, George                                                         |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Boland        | 021-808-5028/<br>5253         | SVBoland@westerncape.gov.za               | Western Cape Department of Agriculture<br>building, Muldersvlei road, Elsenburg |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Swellendam    | 021-808-5059/<br>028-425-4850 | DOA.svswellendam@westerncape.<br>gov.za   | 67 Voortrekker St, Swellendam                                                   |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Beaufort West | 023-414-9220/1                | DOA.svbeaufortwest@westerncape.<br>gov.za | Blyth St, Beaufort West                                                         |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Vredendal     | 027-201-3514/-0               | DOA.svvredendal@westerncape.gov.za        | Cnr Matzikama and Noord St. Vredendal                                           |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Malmesbury    | 022-433-8915/0                | DOA.svmalmesbury@westerncape.<br>gov.za   | Cnr Spoorweg and Munisipale St,<br>Malmesbury                                   |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Oudtshoorn    | 044-203-9443/5                | DOA.svoudtshoorn@westerncape.gov.<br>za   | 43 Van Der Riet St, Oudtshoorn                                                  |
| u Gqirha woNyango<br>Lwemfuyo e: Worcester     | 021-808-5052                  | DOA.svworcester@westerncape.gov.za        | 30 Van Arckel St, Worcester                                                     |